



Max Schubach



## Molo Mhlobo!

Le yinguqulelo yekhasi lokuqala yakwa- [www.maxffx.net](http://www.maxffx.net) iguqulelwa kwenye yeelwimi ezithethwa nezi qondwa kakhulu kule planethi. Idibanisa amanqaku amane ahlukileyo. Ngelishwa ikhasi lokuqala kunye nala manqaku kukuphela kwamakhasi athe atolikwa ukuzakuthi ga ngoku. Kananjalo, ukuba unemibuzo ethe ngqo, nceda qhagamshelana nathi siyakuzama ukufumana indlela yokukuphendula, okanye sikunike indlela yokudibana namaqela abantu abakwingingqi yakho abanomdla kumsebenzi kaZwelonke. Singakwazi ukukundwendwela size senze kubelula ukubamba iintlanganiso okanye iindibano kuloo ndawo uhlala kuyo, ngaphandle kwentlawulo ukuba kuyenzeka.

Nceda qhagamshelana nathi apha

Max Schubach Ph.D.  
2049 NW Hoyt Street Ste 3  
Portland, OR, 97209  
voice/fax 503 210 0314  
[max@maxffx.net](mailto:max@maxffx.net)

## BHOTANI! NAMNKELEKILE KWA- MAXFFX !

Igama lam ndingu **Max Schubach**. Ikhaya lam lisePortland, Oregon, e-United States. Ndisebenza kulo lonke ilizwe ( Zwelonke) njengomsombululi owenza umsebenzi ubelula, umcebisi kunye nomqeqeshi kwimibutho namabandla amakhulu naziintlobo ngeentlobo. Umsebenzi wam ufumaneka **kumsebenzi wehlabathi jikelele nakwinkqubo yomsebenzi**, ubuchule bokwenza imveliso ethe yakhuliswa ngugq. **Army and Arnold Mindell**. Isiza sinikezelwe kwimisebenzi yam nje ngomcebisi ongumlungiseleli, umsombululi kumsebenzi owenziwa ngamaqela nakumqeqeshi oyinkokheli, nakumava endinawo ngomsebenzi kaZwelonke. Ukuba unomdla kwinkqubo yomsebenzi, esiwenzayo mna kunye nogxa wam u-Ellen kunye nomntu ngamnye nabantu abahamba ngababini, nceda yiya kwisiza sethu sophinyelo (website) i - [www.eminee.net](http://www.eminee.net)  
Kumnyaka ka-1999, ndafumanisa iqumrhu lakwa-**Maxffx**. Lunxibelelwano olusulungekileyo oluthe lwatsala abasombululi kunye neengcaphephe zabacebisi kumazwe angaphezulu kwama-20, kuwo onke amazwekazi, abaqokelelana babe ngamaqela ngeenjongo zomsebenzi, umsebenzi wam ngumzekeliso womsebenzi kaZwelonke.

**Umsebenzi kaZwelonke ngumzekeliso ekunokucingwa ngawo nekunokusetyenzelwa kwiindidi ngeendidi ntlandlo zonke zehlabathi zolungiselelo kunye nobomi obuqokeleleneyo ngokupheleleyo. Embindini wawo**

yindlela entsha yokunxibelelanisa uphando kuphononongo ngononophelo ukuze kuhlaziywe uhlalutyo ngokuthe kwafunyaniswa kwinzululwazi ephuculweyo ngezinto zendalo ezingaphiliyo (ifizikisi). Amagama oqambo oyakuthi udibane nawo **kwinqaku eliyintshayelelo** ngezantsi, anjengoLawulo ngomelo oLunzulu, Uqukumbelo, Ukuphupha Ngolungiselelo, etc. Qaqambisa isibane esitsha kwiimbono zethu ngobomi obulungiselelweyo. Umsebenzi kaZwelonke uvumela umbono wentsebenziswano, kwakunye nohlahlelo nokwenza lula umsebenzi kumathuba okuxakeka kunye notshintsho lwamaqela kwiintlobo-ntlobo zothotho lwamaqondo ahlukeneyo, ukusuka kwinkqubo yehlabathi ukuya kwiziganeko ezisingqongileyo, nokusuka kwindawo kawonke-wonke nokuya kwiintlobo-ntlobo zeedlela zolungiselelo, kuquka amashishini namabandla.

**Abakwa-Mindels** bakhulisa umsebenzi kaZwelonke, bencediswa yindlela yokufunda eqokeleleneyo kwibandla lomsebenzi kaZwelonke, nekulapho ndililungu khona. Ndiyithanda ngokungazenzisiyo imibutho yolungiselelo, nento ethi yenzeke xa abantu besebenza ngobumbano; yaye ndiwuhloniphile ndikwaneqhayiya ngomzekeliso endiwusebenzisayo. Ndiyathemba okokuba andisayikugqithisela inxalenye yobunyani obuyimfuneko nemabuqondwe kuphela kula makhasi, kodwa ndigqithisa nochulumanco endinalo ngalo mzekeliso, amava am ayandinceda ekwenzeni lo msebenzi, kunye neziphumo ezenza ukuba kufaneleke. Intshukumo yomsebenzi kaZwelonke!!

Konwabele ukuphicotha indawo endizinze kuyo. Ukuba ufuna ukuqalisa yaye ufuna ukufumana inkcazelo emfutshane yomzekeliso, qwalasela naluphi na unxibelelwano ngezantsi, uze ubuye ngelinye ixesha ufumane nangaphezulu:

### **UKUGUQUKA KWIMIBUTHO, KUMABANDLA, KUMASHISHINI NAKWINDAWO KAWONKE-WONKE-**

**Inqaku kumbono, ulwazi-nkqubo kunye noluvo ngomsebenzi kaZwelonke.**

Kwakhona ngezantsi, ngundaba-mlonyeni kwiziganeko ezintathu ezibonisa amaxesha ngamaxesha okwenzeka komsebenzi kaZwelonke:

**I-YUROPHU, I-USA, KUNYENE-KHARIBHINS – Ulawulo ngomelo olunzulu, intsebenziswano kunye nobuchule kumbutho wama – 500 kwihlabathi jikelele**

**INDAWO YOKWABELANA KAWONKE-WONKE ESIXEKWENI: Ishishini lebandla, urhulumente wesixeko, amapolisa, oongantweni kunye namanye amaqela angabalulekanga kuze kudityanwe kwindawo yengxoxo evuliweyo nese kuhleni e-Zurich, Switzerland.**

**NGUBANI UMONI – Inkqubela yolungiselelo entolongweni: inkqubo yamaqela abantu abahlala nabanye entolongweni, abasebenzi bezoluleko, kunye nabalawuli beentolongo.**

Umzekelo womsebenzi kaZwelonke uyaphandwa, uyenziwa yaye uyahlaziywa ngemizamo eqokelekileyo kunye nencoko phakathi kwamaqela. La makhasi

amele ulwazi lwam nokwenza umsebenzi kaZwelonke. Umfanekiso opheleleyo nongaphezulu womzekeliso nesakhono sawo. Ndinithumela kubapapashi ndize ndinidibanise nezinye iziza eniyakuzifumana kula makhasi.

Nanjengokuba ubona, ikhasi lokuqala namaxwebhu amane angasentla aguqulelwe kwiilwimi ezininzi .. lilwimi ezininzi azikho kwiinguqulelo zethu. Siyangxengeza kuwe, ukuba ulwimi lwakho lweenkobe alukho phakathi kwezi lwimi.

Enkosi ngomdla wakho, uze ube nemini emnandi.

Ndim

Max Schupbach